


## Ukukhetha Esikwenzayo



---

### Sabatha Emva Kwemini

#### Fundela Isifundo Sale Veki:

Efese 1:1–4; Mat. 22:35–37; Mat. 7:24, 25; IMiz. 18:24; 1 Kor. 15:33; Intsh. 2:1–11.

#### Indima Yenkumbulo:

“Ke ukuba kubi emehlweni enu ukumkhonza uYehova, zinyuleleni namhla oyena eniya kukhonzisa; nokuba ngoothixo ababekhonza bona ooyihlo, ababephesheya koMlambo, nokuba ngoothixo bama-Amori, enihleli ezweni lawo. Ke mna nendlu yam siya kukhonzisa uYEHOVA” Yoshuwa 24:15).

**I**ngaba wakha waqaphela ukuba ubomi buzele kukukhetha [okanye kukwenziwa kwezizigqibo]? Kanti ke, ukuba ubani angaxoxa ngeendlela ezininzi, nto leyo esiyenza imini yonke, sivuka nje emandlalweni, senza isigqibo. Izigqibo esizenzayo zininzi kangangokuba asicingi nokucinga ngazo. Siya zenza nje. Ezinye izigqibo zilula nje zida zaba sisiqhelo okanye yindlela yokwenza izinto, kanti ezinye ziyabuguqula ubomi zibe neziphumo zikanaphakade okanye ebomini bethubonke, kungebobethu kuphela kodwa nobeentsapho zethu.

Sibangaphi kuthi, ukuza kuthi ga namhlanje, abazisolayo ngezizigqibo abazenzileyo? Sibangaphi, ukuza kuthi ga namhlanje, abaphila kubugoxo bezizigqibo ezingalungileyo ezenziwa kwakudala? Ngethamsanqa kukho uxolelo. Kukho ukuhlangulwa, kukho nokuphiliswa, nakwezona zakha zazibi izigqibo. Kule veki, siza kuqwalasela ngendlela ebanzi kakhulu umba wezigqibo esizenzayo, indlela esimele ukuzenza ngayo, kwanegalelo elinokwenziwa zezi zigqibo kuthi nakwiintsapho zethu.

*\*Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka-Apreli 13.*

# Intando Ekhululekileyo, Ukukhetha Okukhululekileyo

Amanye amaKristu akholelwa ukuba uKristu ukhethe kwangaphambili kokuba umntu azalwe, ukuba uya okanye akasayi kusindiswa. Oko kukuthi, aba baza kuthi ekugqibeleni balahlwe ngonaphakade balahleke kuba uThixo, ebulumkweni baKhe (kuthi oku kufunda ngoThixo) wakwenza oko kumkhethelela lo mntu ukuba alahlwe. Loo nto ithi ngoko, nokuba ebengakhetha ntoni, loo mntu uza kugwetywa. Ngethamsanqa, singamaSeventh-day Adventist, asabelani nale ngcamango. Endaweni yoko, sikholelwa ukuba uThixo ukhethe ukuba sonke sisindiswe, noko kwangaphambi kokuqala komhlaba, sasikhethiwe kuYe ukuba sibe nobomi obungonaphakade.

**Funda: Efese 1:1–4; Tito 1:1, 2; no-2 Timoti 1:8, 9. Zisixelela ntoni ezi ndima ngokukhethwa kwethu nguThixo nexesha esakhethwa ngalo?**

---



---

Nokuba zimnandi kangakanani ezi ndaba, abanye abantu baza kulahlwa (Mat. 25:41). Konke oko ngokuba, nangona uThixo esikhethile sonke, ubanike abantu esona siphosingcwele kakhulu, esiyintando ekhululekileyo, ukukhetha ngokukhululekileyo.

**Ufundisa ntoni uMateyu 22:35–37 ngentando ekhululekileyo?**

---



---

INKosi ayisinyanzeli ukuba siyithande. Uthando ukuze lubeluthando kufuneka lunikwe ngokukhululekileyo. Ngeendlela ezininzi, omnye angaxoxa athi, iBhayibhile ilibali likaThixo efikelela kubantu abalahlekileyo ezama, engabanyanzeli, ukuzizuzela kuYe iintliziyo zabo. Le nyaniso ibonakala kakuhle kakhulu kubomi nolungiselelo lukaYesu, nendlela abantu—besebenzisa intando yabo ekhululekileyo abasabela ngayo kuYe. Abanye batsalekela kuYe; abanye bamfuna efile. Kunjalo, uThixo usikhethetele usindiso, kodwa ekupheleni, kufuneka thina sikhetha ukulwamkela olo sindiso. Akukho kuthandabuza ukuba kuko konke ukukhetha ekufuneka sikwenzile, ukukhetha ukuyikhonza iNkosi, kokona, ngaphezu kwako konke, kunesiphumo esihle kuthi nakwabo sinegalelo kubo (njengosapho lwethu) ngobomi bethu nokukhetha esikwenzayo kubo, ubomi bethu.

## Ukukhetha Okulungileyo

Siyakwazi kakuhle sonke ukubaluleka kakhulu kokukhetha esikwenzayo. Kanti siyazi futhi ukuba kubi kangakanani xa ukukhetha gwenxa kwethu kunegalelo elibhek'ecaleni kakhulu ebomini bethu nasebomini babanye. Umbuzo uthi, Yinto esinokuyazi njani eyokukhetha okulungileyo?

**Ezi ndima zilandelayo zisinika amanyathelo anokusinceda ekuzameni kwethu ukukhetha ngendlela elungileyo. Athini la manyathelo?**

1. 1 Tes. 5:17, Yakobi 1:

---

2. Isa. 1:19, Mat. 7:24, 25

---

3. Nd. 119:105, 2 Tim. 3:16

---

4. IMiz. 3:5, 6; Isa. 58:11

---

5. IMiz. 15:22, 24:6

---

Kuzo zonke izigqibo esizenzayo, kubaluleke kakhulu ukuba siye eNkosini ngomthandazo, ukuze siqiniseke ukuba ukukhetha kwethu akuyi kusikhocelela ekwaphuleni umthetho kaThixo nangayiphi indlela, okanye nemithetho-siseko yeLizwi laKhe. Kubalulekile ukuba sithembele kuThixo, nokuba sikuyekela kuYe ukukhetha kwethu; oko kukuthi, kufuneka sithandazele ukuba ukukhetha kwethu kumzukise, uThixo nokuba sikulungele ukuyekela kuYe eyethu iminqweno xa ihamba ngokuchasene necebo laKhe ngobomi bethu. Amaxesha amaninzi, abacebisi abalumkileyo bangaluncedo olukhulu xa sizama ukukhetha. Ekugqibeleni, singanengqiniseko enkulu sisazi ukuba uThixo uyasithanda nokuba usifunela okona kulunge kakhulu, nokuba, xa sithi ngokholo nokuzithoba, sibuyekele kuye ubomi bethu, singabheka phambili elukholweni ekukhetheni esikwenzayo.

**Yinto oyenza njani eyokukhetha izinto ezinkulu ebomini bakho? Manyathelo mani, ukuba akho, owathabathayo ngokwasemoyeni xa ufuna ukwenza oku kukhetha?**

## Ukukhetha Abahlobo

Okunye kokona kukhetha kubalulekileyo esinokuze sikwenze ngabahlobo bethu. Ixesha elininzi asiye siphume siyokwenza abahlobo; ubuhlobo bukholisa ukukhula ngendalo xa sichitha ixesha nabantu abonwatyiswa zezinye zezinto esizenzayo.

**Okunye kokona kukhetha kubalulekileyo esinokuze sikwenze ngabahlobo bethu. Ixesha elininzi asiye siphume siyokwenza abahlobo; ubuhlobo bukholisa ukukhula ngendalo xa sichitha ixesha nabantu abonwatyiswa zezinye zezinto esizenzayo.**

---

IMizekeliso 18:24 ithi, xa sifuna ukuba nabahlobo kufuneka thina sibe nobubele. Ngamanye amaxesha abantu bazifumana bebodwa, kodwa into egxothela kude kubo abanye kukusoloko benxunguphele, benomoya obhek' ecaleni. “Nabona bangabona balungileyo kuthi banazo ezi mpawu zingathandekiyo; kwaye ekunyuleni abahlobo, kufuneka sikhethe abo bangazi kugxothwa bemke kuthi xa befumanisa ukuba asigqibelelanga. Kufuneka ukunyamezelana. Kufuneka sithandane sihloniphane sezikho zinjalo iziphoso nokungagqibeleli esingakwaziyo ukububona; kuba lo nguMoya kaKristu. Ukuzithoba nokungazithembi kufuneka kukhuliswe, kwakunye nothando olukwazi ukuzinyamezela iziphoso zabanye. Oku kuya kuwubulala uphele umna osicuthayo kuze kusenze sibe nentliziyo evulekileyo nenobubele.”—Ellen G. White, *Pastoral Ministry*, p. 95.

Elinye lawona mabali awaziwayo obuhlobo leliphakathi kukaDavide noYonatan. Ukuba uSawule, ukumkani wokuqala wakwaSirayeli wayethembekile wathobela, ubukumkani bakhe babuya kuqhuba izizukulwana eziliqela, kwaye uYonatan wayeya kuba ngumlandeli wakhe ukuhlala etroneni. Wathi uSawule akubonakala ukuba akalufanele ubizo lwakhe, uThixo wakhetha uDavide njengokumkani omtsha kaSirayeli, waba umbeka njengongafanelekanga uYonatan woko kwakumele ukuba kokwakhe ngokusemthethweni. Apha, sinomzekelo onamandla wobugwenxa bokukhetha kwelungu elinye losapho (uSawule) okwaba negalelo kwelinye ilungu losapho. Noko kunjalo, uYonatan akazange amqumbele okanye abe nomona ngoDavide. Endaweni yoko, wakhetha ukumnceda uDavide ngokumkhusela kwingqumbo kayise wakhe, uSawule. “Umphefumlo kaYonatan wabophana nomphefumlo kaDavide; uYonatan wamthanda njengomphefumlo wakhe” (1 Sam. 18:1). Umzekelo onjalo onamandla amakhulu obuhlobo benene!

**“Musani ukulahlekiswa: ‘abahlobo ababi bonakalisa imikhwa elungileyo’” (1 Kor. 15:33, NKJV). Unamava athini ngezihlobo, nokuba zezo bezingajonge kukulimaza eziphele zikulimaza, phofu? Ukukhetha gwenxa abahlobo kungabulimaza njani ubudlelwane ekhayeni?**

## Ukukhetha Iqabane Lobomi [Undofa naye]

Ukuba kufuneka ubakhethe ngononophelo abahlobo bakho, kufuneka ube nabo ngaphezulu xa kufika kumba wokukhetha iqabane lexesha elizayo. UAdam wayesikeleleke kakhulu xa uThixo eceba iqabane lokuba ngumlingane wakhe ubomi bakhe bonke ngezandla zaKhe elithabatha ngaphakathi kuye. Ukukhetha kuka-Adam kwakulula kuba uEva wayengenguye umfazi nje ekuphela kwakhe, kodwa wayengumfazi ogqibeleleyo. Abanye bethu banexesha elinzinyana, njengoko engekho kuthi ogqibeleleyo kukwakho nabantu abaninzi kakhulu emakukhethwe kubo. Ngenxa yokuba esi sigqibo sibaluleke kakhulu, uThixo akasishiyanga ngaphandle kwenkokelo kule ndawo yobomi bethu. Ngaphandle kwawo onke amanyathelo abalulekileyo esiye sawakhangela kwisifundo sangoMvulo, akho amanye amanyathelo aqinisekileyo ekufuneka elandelwe kuwo wonke umcimbi womtshato (siza kuqwalasela kuwo wonke umba womtshato ngocoselelo olukhulu kwisifundo 6). Ngokwenene, ngaphandle kokukhetha ukukhonza uYehova, umba weqabane uya kuhlala ukokona kukhetha kuneziphumo akwenzayo nabani ebomini bakhe.

**Ithini inkokelo equke konke efunyanwa kwezi ndima zilandelayo enako nemelwe kukusetyenziswa ngumntu ofuna iqabane elilungileyo emtshatweni? Nd. 37:27, 119:97, 1 Kor. 15:33, Yakobi 1:23–25.**

---



---



---

Ngaphandle kokukhangela umntu olungileyo omele ukumtshata, wena yiba ngumntu olungileyo kuqala. “ ‘Zonke izinto ngoko enisukuba ninga bangazenza abantu kuni, yenzani ezikwanjalo nani kubo; kuba oko kunguMthetho nabaProfeti’ ” (Mat. 7:12). Umntu angafumana iqabane elinesakhono esikhulu elinazo zonke iimpawu zokuhle ezifunwa ngomnye, kodwa ukuba lowo ufuna iimpawu ezilungileyo komnye yena akanazo, kuya kubakho iingxaki. Asinto intsha le, kwaye iyabonakala, kungekho kuphela emtshatweni, kodwa nasebomini jikelele. UPawulos uchitha ixesha elininzi ekuqaleni kwencwadi yabaseRoma ethetha kwabo bagxeka abanye ngokwenza oko bakwenzayo, abo bagxekayo, nabo benetyala loko (bakugxekayo). Okanye, ngokokutsho kukaYesu: “ ‘Yini na ke ukuba usibone isibi esisesweni lomzalwana wakho, kanti akuwuqiqi umqadi okwelakho iliso?’ ” (Mat. 7:3).

**Kukangaphi uzifumana unqwenela ukuba abanye (mhlawumbi iqabane lakho) babe neempawu wena kanye ongenazo? Cinga ngale nto?**

## Ukukhetha Ikhondo

Kwindawo ethile, kufuneka senze isigqibo ukuba sifuna ukwenza ntoni ngobomi bethu ngokubhekiselele kumsebenzi okanye ubizo. Ngaphandle kokuba nobutyebi sizimele okanye sisebenza isigxina ekhaya sigcine indlu nosapho (owona msebenzi ubaluleke kakhulu kuyo yonke), abantu abaninzi kufuneka beyikhethile indlela ngokubhekiselele ekuphileni. Phofu, sonke sikho phantsi kweemeko ezithile ezinokuthi, kakhulu, zikuhoboshe ukukhetha kwethu ngokobizo. Noko kunjalo, kuyo yonke indawo esikuyo, sinako ukukhetha ngokomsebenzi wethu, okunokuthi, ngakumbi kwimeko yokuba sisazi ukuba sinokusindiswa okukuYesu Kristu, unike ubomi bethu intsingiselo nenjongo eyongezekileyo. Ngokufutshane, nokuba senza ntoni, sinokuyenzela uzuko lukaThixo.

**Yimpazamo enjani awayenzayo uSolomon, singaqaphela njani thina ukuze singayenzi into enjalo? Intsh. 2:1–11.**

---

---

---

Asidingi ukuba sibe zizityebi ukuze sibanjwe ngumgibe ofanayo njengoko wenzayo uSolomon. “Kuba ukuthanda imali yingcambu yeento zonke ezimbi: abathe abathile, ngokuzolulela kuko, balahlekana nokholo, bazibhodloza ngobuhlungu obuninzi” (1 Tim. 6:10, NKJV). Umntu unako ukuba lihlwempu athande imali kanye njengosisityebi. Ewe, kufuneka sibe nenzuzo ukuze siphile, kodwa nokuba senza ntoni okanye sifumana kangakanani, akudingeki ukuba ukufuna imali sikwenze isithixo. Iintsapho ezininzi nazo ziye zonakala ngenxa katata othe, ngokugqithisa ukuzama imali, walutyeshela usapho khon’ ukuze abe sisityebi. Bangaphi abantwana, okanye amaqabane, aye akhetha ubomi obuthobekileyo kunokuba babulale ulwalamano noyise wekhaya? Kwiimeko ezininzi, abantu ngebakhetha ubutyebi kunekhaya elithobekileyo.

Kususela eNdalweni, uThixo wawuceba umsebenzi ukuba ube yinxalenye yobomi (Gen. 2:15). Ingozi kuxa siwenza umsebenzi wethu ukuba ube ngumbindi wobomi bethu ekuphela kwawo owokuzuzwa kwethu ubutyebi. Yimpazamo le eyenziwa nguSolomon. Wayezingela ukuba nguthile kuloo maphulo, ada athi naxa amanye amziselela ukwaneliseka okuthile, ekugqibeleni wawabona ukuba angamampunge.

**Kukho owathi: “Bangaphi abantu, abathe ekupheleni kobomi babo, balangazelela ukuba ixesha labo emsebenzini kancinane neentsapho zabo?” Sithini isigidimi ngebachitha lonke esibalulekileyo kule ntetho?**

**Ingamango Eyongeziweyo:**

Kuso sonke isiBhalo, sijongene nobunyaniso bentando yomntu ekhululekileyo. NoAdam noEva ababengawanga (Genesis 3) babenayo, ngelishwa bakhetha gwenxa ngayo. Ukuba abantu abangawanga, begqibelele, banokuyisebenzisa gwenxa intando ekhululekileyo, sibekela phi ke thina, bakekelele esonweni? Sidinga ukukhumbula ukuba intando ekhululekileyo injalo, ikhululekile, nto leyo ethi, nokuba sinoxinzelelo, ngaphakathi nangaphandle, asidingi ukuba sikhetha gwenxa. Sinako, ukuthi ngamandla kaThixo angaphakathi kwethu, ukukhetha ngendlela eyiyo ngentando ekhululekileyo asinike yona. Ngoko ke, kubalulekile ukuba sizigqale ngononophelo izigqibo zethu, ngakumbi xa sicinga ngegalelo lazo kubomi bosapho lwethu. Ukukhetha ngokukhululekileyo kukaKayin, okwabalala umntakwabo ngokuqinisekileyo kwaluduba usapho lwakowabo. Ukukhetha ngokukhululekileyo kwabantakaboYosefu, ukuba bamthengise ebukhobokeni, kwabophula ubomi bukayise. “Wayifanisa, wathi, Yingubo yonyana wam; udliwe lirhamncwa; inene, uqwengiwe uYosefu. UYakobi wazikrazula iingubo zakhe, wabeka ezirhwexayo esinqeni sakhe, wamenzela isijwili unyana wakhe imihla emininzi. Besuka bonke oonyana bakhe, nazo zonke iintombi zakhe, beza kumthuthuzela; akavuma kuthuthuzelwa, wathi, Ndiya kuhla ndiye kunyana wam kwelabafileyo, ndisenza isijwili. Uyise wamlilela ke” (Gen. 37:33–35). Kuyo yonke iBhayibhile, njengasebomini, sifumana imizekelo yendlela ukukhetha ngokukhululekileyo kwamalungu osapho, okuhle okanye okubi, kunegalelo kwabanye, njengokukhetha kukaKora, Datan, noAbiram (Num. 16:1–32; bona nakuDan. 6:23, 24; Gen. 18:19).

**Imibuzo Yokuxoxwa:**

- 1. Kokuphi okunye ukukhetha ngokukhululekileyo okwenzileyo namhlanje? Oko kukuxelela ntoni ngawe nolwalamano lwakho noThixo kunye nabanye abantu? Koko ukukhethileyo, kokuphi, ukuba kukho, onga ngokwenze ngokwahlukileyo?**
- 2. Ngoobani abakhetha ngendlela engeyiyo eBhayibhileni, iyintoni esingayifunda kwiimpazamo zabo? Kwaba nagalelo lini ukukhetha kwabo gwenxa kwiintsapho zabo?**
- 3. Ngaphandle kwentandabuzo: Sonke siyazisola ngokukhetha gwenxa esikwenzileyo. Kutheni le nto ngamaxsha oko kuzisola igospile izindaba ezilungileyo? Zithembiso zini ezivela eBhayibhileni oye wazibanga ngamaxsha oxinzelelo nobutyala ngexxa yokukhetha gwenxa?**
- 4. Ukuba bekunokuza kuwe abantu bethetha ngomtshato, ungabanika cebo lini, ngokuba kutheni? Ungalatha kwimithetho-siseko ethini ephuma eLizwini likaThixo ukubanceda ukuba benze esi sigqibo sibalulekileyo?**